

Inombolo yefayili.: 19/4/10/2
Isalathiso: 20230901-7699

Ingcaciso eMfutshane yoLawulo lweeMviwo: 0016/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaqquzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukukhululwa kwamagosa amakishayo ukulungiselala ukumakishwa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoNovemba 2023

1. Ootitshala, abacebisi ngezifundo nabacwangcisi bezekharithulam abakhulu babeceliwe kwiNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0004/2023, yomhla we-17 Februwari 2023, ukuba benze izicelo zezithuba zeemodareyitha zangaphakathi, zabamakishi abaziintloko, zamasekela-bamakishi abaziintloko, zabamakishi abaneqhuzu nabamakishi beemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) zangoNovemba 2023, ezeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) zangoJuni 2024, nezeSatifikethi seMatriki (SC) zangoJuni 2024.
2. Umhla wokuqalisa kwethuba lokumakisha uxhomekeke kwini labamakishi abafunekayo xa kuthelekiswa nenani lootitshala abenze isicelo kwisifundo/kwiphepha ngalinye, kunye nabo baqeqeshwe ngokufanelekileyo nabanamava ayimfuneko.
3. Ngokwesicwangciso solawulo sikazwelonke zonke iinkqubo ezinxulumene nokumakishwa kwezikriphthi zeempendulo kuqukwa nokufakwa kwamangaku, maziqunjelwe ngowe-21 Disemba 2023 ukunika iSebe leMfundo esiSiseko no-Umalusi ithuba lokugqibezela iinkqubo zabo zokungqinisiswa kwezi nkqubo.
4. Nakuba kunjalo, kuqatshelwe ukunqongophala kwamagosa amakishayo kwisiNgesi uLwimi lweeNkobe amaPhepha 1-3, kwisiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo amaPhepha 2 no-3, kwi-*Religious Studies* amaPhepha 1 no-2 nakwi-*History* amaPhepha 1 no-2 yaye kuye kwafuneka ukuba kuqaliswe imodeli entsha yokumakisha kwezi zifundo njengendlela yokuthothisa oku, ukugcina ukumakishwa kwamaphepha kusemgangathweni onguwo. Ngoko ke, aba bamakishi kufuneka bafike kwangethuba kwindawo yokumakisha. Ngenxa

yoko, iSebe i-WCED liya kuqalisa inkqubo yokushiyana kwamaxesha (*staggered approach*) ukulungiselela ukuqala kwethuba lokumakisha.

5. Ngako oko ke, iSebe i-WCED licela ngamandla zonke iinqununu ukuba zivumele abamakishi bafike kumaziko okumakisha ngezi ntsuku zilandelayo:

Isifundo/Iphepha	Umhla abafika ngawo abamakishi kumaziko okumakisha
<i>History Papers 1 and 2</i>	06 Disemba 2023
<i>English Home Language Papers 1, 2 and 3</i>	06 Disemba 2023
<i>English First Additional Language Papers 1, 2 and 3</i>	06 Disemba 2023
<i>Religious Studies Papers 1 and 2</i>	06 Disemba 2023
<i>All other subjects</i>	08 Disemba 2023

6. La malungiselelo aya kuvumela ukuba iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-WCED) likuqakumbela ukumakishwa nokumodareyithwa kwezikriphthi zeempendulo ezimalunga nesigidi ngexesha elimiselweyo.
7. Izikolo ezinenani elikhulu lootitshala ababeqeshwe njengabamakishi kwisiNgesi uLwimi lweeNkobe, kwisiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo amaPhepha 2 no-3, kwi-*Religious Studies* kunye/okanye kwi-*History*, banokucela umlawuli wesithili semfundo ayigqibe inkqubo yokungqinisiwa kokudlulela kwesinye isigaba nokupasa kwabafundi sisithili, phambi kowe-06 Disemba 2023
8. ISebe i-WCED licela ngokumandla iinqununu ukuba ziyixhase le nkqubo yokumakisha.
9. Iimodareyitha zangaphakathi, amagosa amakishayo aziintloko, amasekela-bamakishi abaziintloko nabamakishi abaneqhuzu badla ngokunika ingxelo ngosuku olunye ngaphambi kokuba abamakishi balungise igumbi lokumakishela nezinto zoqeqesho ukulungiselela inkqubo yokumakisha.
10. ISebe i-WCED lithembele kwintsebenziswano nenkxaso yenu kulo msebenzi ubaluleke kangaka omisela ikamva labafundi bethu.
11. Iyathakazelelwa inkxaso yenu.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-10-09